IsiFundo ngezoNqulo iKlasi 2

Isihloko sesifundo: Iinkokheli kwiBandla likaKristu

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo ngezoNqulo esithi **“Iinkokheli kwiBandla likaKristu”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).

4. UMphathi webandla wesikolo seCawa noTitshala bayafumaneka ukunceda.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Iinkokheli kwiBandla likaKristu
Isicatshulwa seBhayibhile	Zenzo 15: 4; Filipi 1: 1 kunye ne Efese 4:11
Injongo yesifundo	Abantwana bayaqhelana neenkokheli.

Isishwankathelo sesifundo:

- UThixo wanyula izicaka zaKhe ukuze zenze iinkonzo etempileni ngexesha lomnqophiso omdala - kwiintsuku zakudala.
- UYesu wakhetha abafundi baKhe, ngoku abaziwa ngokuba ngabapostile, ngokukhokelwa nguThixo benze umsebenzi kaThixo.
- KwiBandla eliTsha lobuPostile, sisebenzisa izikhonzo ezikhankanyiweyo kwiTestamente eNtsha. Funda isifunso sethu seBhayibhile sanamhlanje ukufumanisa ukuba zeziphi ezi zikhonzo.
- Zonke ezi zikhonzo zanikezelwa nguKrestu buqu ukunceda abaPostile emsebenzini wabo wokusasaza ilizwi likaThixo kunye necebo losindiso.
- Ebandleni lethu inkokheli ngulowo ugunyazisiweyo, usikelelwe kwaye wangcwaliswa ngokumiselwa ngumpostile (Inqaku lesihlanu - kwisiVumo sokholo).
- IBandla elitsha lobuPostile linamanqanaba amathathu ezikhonzo: Isikhonzo sobuPostile, isiKhonzo sobuBingeleli, nesiKhonzo sobuDikoni (abaDikoni-baqhuba ukhathalelo lwamakhaya, ngabagcini-sango, ngabancedisi).
- Ngaphezulu kokhathalelo lomphefumlo, isikhonzo sobuBingeleli bafumana intumelo kunye negunya kuMpostile loku:
  - Ukuqhuba iinkonzo zobungcwalisa,
  - Thulula uBhaptizo oluNgcwele,
  - Vakalisa uxolelo lwezono kwaye
  - Ngcwalisa, nokudlisa uMthendeleko oNgcwele.
- Abapostile thulula uTywino oluNgcwele kwaye bamisela iinkokheli ngokubekwa izandla.
- Umpostile weSithili (inkokeli yengingqi yoMpostile wesiThili), Umphathi weSithili (inkokeli yeSithili) kunye noMphati-bandla (inkokheli yeBandla) bayanyulwa kwaye abathanjiswa. Ngokonyulwa kwabo bagunyazisiwe ukwenza imisebenzi yobunkokheli bomoya kwiindawo zabo ezithile.

- Isokhonzo soVeleli, uMdala weSithili, uMvangeli weSithili, uMvangeli kunye noMalusi emva komhlala-phantsi, abasayi kumiselwa kwaye baya kuthi kamva siyekiswe.
- UMpostile oyiNtloko yinkokheli yebandla lethu kuZwelonke kwaye esi sisikhonzo esikhethekileyo. Umisela abaPostile kwaye anyule abaPostile besithili.

Sisifundisa ntoni esi sifundo?

- UThixo wanyula izicaka zaKhe ngexesha lomnqophiso omdala nangexesha lomnqophiso omtsha ukuba ziqhube umsebenzi waKhe.
- Zonke iinkokheli zethu nazo zinyulwe nguThixo kwaye zamiselwa ngumpostile.
- KwiBandla eliTsha lobuPostile kukho amanqanaba amathathu ezikhonzo:
  - Ø Isikhonzo sobuPostile
  - Ø Isikhonzo sobuBubingeleli kunye
  - Ø Nesikhonzo sobuDikoni.
- UMpostile weSithili, uMphathi weSithili kunye noMphathi-bandla bayonyulwa kwaye abonyulelwanga ukwenza imisebenzi yobunkokeli basebumoyeni.
- Zonke iinkokheli zinemisebenzi ekhethekileyo kwiinkonzo zobungcwalisa nakuthando lokukhathalela imiphefumlo.
- Iinkokheli zingabathwali bentsikelelo yethu kwaye kufuneka sizithobele njengoko zithunywe nguThixo.

Ngalo lonke ixesha khumbula, iiNkokheli zikhonza iNkosi kunye namabandla ngokuphuma kuthando nengqinseko. Njengabantu, banokwenza iimpazamo. Isikhonzo sabo, abathi ngaso uThixo zisikelele ibandla, zisoloko zihlala zingcwele kuthi, kwaye ke kufuneka sizihloniphe.

Yenza uMsebenzi 1, 2, no 3 nomntwana wakho.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Xela amanqanaba amathathu ezikhonzo kwiBandla eliTsha lobuPostile?
   Impendulo: Siskhonzo sobuPostile, ubuBingeleli kunye nesikhonzo sobuDikoni
2. Siwa kweliphi inqanaba isikhonzo sobuVeleli?
   Impendulo: Kwisikhonzo sobuBingeleli
3. Ngubani onike intumelo negunya kwisikhonzo sobuBingeleli ukuba senze imisebenzi yaso?
   Impendulo: NguMpostile
4. Ngobbani abathulua uTywino oluNgcwele baze bamisele iinkokheli?
   Impendulo: NgabaPostile
5. Ingaba isikhundla ssMphathi-bandla sisikhonzo?
   Impendulo: Hayi, uMphathi-bandla uthwele isikhonzo sobubingeleli noxanduva olongeziweyo lokuqhuba imisebenzi yolawulo kunye neyolawulo ebandleni
6. Chaza zonke iinkokheli kunye namagama azo ebandleni lakho?

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphumume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen